


UZama ulungiselela ukuya esikolweni.

Utata upheka isidudu sesidlo sakusasa.





“Umama wenza isidudu esiluncuthu!” utsho uZama.

Isidudu sinika uZama amandla okuya esikolweni.






Isidudu sivuthiwe.

Utata ugalela ubisi, ngothando.





“Tata, ndicinga ukuba esi sidudu sifuna ukongezwa iswekile,” utsho uZama.

"Isidudu sikamama simnandi kakhulu kunesidudu sikatata,” uyacinga uZama.






“Tata, ndingayongeza iswekile?” uyabuza uZama.

Utata wongezela uZama iswekile.





"Yhu! Tata! Ugalele ityuwa esidudwini sam!”

“Tata, uzobuya nini umama?” uyabuza uZama.



